



Stellenbosch

UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

UNxibelelwano oluvela kwiBhunga (intlanganiso yomhla we-11ku- Epreli 2022)

IBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch (SU) libambe intlanganiso yalo yokuqala kwezine ebezicwangciselwe lo nyaka, ngoMvulo umhla we- 11ku- Epreli 2022. Ibiyintlanganiso yam yokuqala njengosihlalo, emva kokuthatha iintambo kuMnu George Steyn ngemini elandela intlanganiso yethu yokugqibela ka-2021. Njengokuba ide yalisiko lethu, ukuba sidibane kwakhona ngendlela eyihybhridi, apho amanye amalungu ethatha inxaxheba nge-intanethi ngelixa amanye edibana eStellenbosch.

Ekhampasini, nabani na uyeva apha emoyeni ukuba kuzimiselwe kwinjongo ethile, njengoko abafundi nabahlohi beleqa emagumbini okufundisela, abasebenzi besenza uphando okanye bezalisekisa imisebenzi yobugcisa, eyezemfundo kunye neyenkxaso kwezolawulo. Kukhangeleka ngathi kukho ukubuyela kuhlobo oluthile lwesiqhelo emva kweminyaka emibini yokuphila phantsi kwesithunzi seCovid-19.

Ngenceba, kukho iimpawu zokuba sesigqithela ngaphaya kwalo bhubhane okanye, ubuncinci, siyazama ukulawula isoyikiso esenziwa sisifo ikhoronavayirasi, kodwa sihleli siyazi nangona kubuhlungu nje impembelelo embi yeKhowid-19 kuluntu lweyunivesithi yethu. Sigqithisa uvelwano lwethu kwiintsapho zabo balahlekelwe bubomi babo kanti nakwabo bathandwa ngabo ngokunjalo, kambe sigqithise nemiqweneni emihle kwabo basachachayo.

Imeko yentlekelele yesizwe enxulumene neCovid-19 irhoxisiwe ngomhla we-4 kuEpreli 2022, kodwa imimiselo ethile igciniwe, kuquka izithintelo kwinani labantu abavumelekileyo kwiiholo zokufundisela kunye nezinye iindawo. IBhunga liyibonile eyokuba, ngenxa yesi sizathu, iYunivesithi iyaqhubeka ngokufunda nokufundisa ngendlela eyihybhridi okwangoku, kodwa izimisele ukubuyela kwindlela yobuso-ngobuso ngokukhawuleza okukhulu.

IBhunga liyazamkela indaba zokuba iSU iqhube kakuhle kakhulu phantsi kweemeko ezinzima kweminyaka emibini elandelelanayo. Uthotho lothweso-zidanga zokwindla luqhubeke kwiveki eyandulela intlanganiso yethu, kwaye ndibe nelungelo elilodwa lokuzimasa ngobuqu imisitho yethu emibini kwakhona, ebibanjwelwe kwiZiko iCoetzenburg ukususela ngoDisemba 2019, ngaphambi koqala kobhubhane ekuqaleni konyanka olandelayo. Siyavuyisana nabathweswe izidanga, umbulelo ongazenzisiyo kubo bonke abasebenzi kuquka ulawulo, ngokwenza konke oku kuqhubeke.

Kwintlanganiso yethu, sifumene ingxelo yokugqibela kuNjing. Eugene Cloete, oxesha lakhe elimiselweyo e-ofisini lesibini njengoSekela-nqonyela: UPhando Ukwenziwa kuTsha kweZinto kunye neziFundo eziNgaphaya kweSidanga, liza kufikelela esiphelweni ngomhla wama- 31 ku-Julayi 2022, kwaye sivotele oza kulandela emva kwakhe, lowo sinethemba kuye ngokupheleleyo.

Imibuliso emihle

Ainsley Moos

Sihlalo: IBhunga leSU

Unyaka wokufunda uvalwe ngempumelelo

Ukususela kwintlanganiso yeBhunga yokugqibela, unyaka wokufunda wama- 2021 uvalwe ngothotho lothweso-zidanga ezimbini (Disemba 2021 kunye noApril 2022). Zizonke zingama 8 768 iziqinisekiso enikele ngazo iSU. Izidanga zeMastazi zinyuke nge-17%, kwaye EzoBugqirha nge- 3%.

Kuthweso-zidanga lwangoDisemba nangoEpreli, izidanga zobugqirha zembeko zinikezelwe kuJaji Fritz Brand, Mnu Andy Calitz, Nksz Diana Ferrus, Gqr Marlene le Roux, Gqr Patrice Matchaba, Nkzs Nicky Newton-King, UNjing Marlene van Niekerk kunye noNjing John Volmink.

Izicelo, ubhaliso kunye nokwamkelwa kunyaka wama- 2022

Kwingxelo yolawulo lweNgqonyela ([klika apha](#) ufumane uxwebhu olupheleleyo, kwaye [apha](#) ufumana iPDF yentetho yakhe), UNjing Wim de Villiers ubonise ukuba iSU ifumene ukwenyuka kwe-143% kwizicelo zabafundi ngo-2022. Oku akungombulelo kuphela weenzame zeenkwenkwezi zabafumana abafundi abatsha, kodwa kuquka nenkqubo ehlahiyiweyo yezicelo, kwinkqubo yeSUNStudent entsha. Bebonke bangama-6 032 abafundi abatsha bonyaka wokuqala abamkelweyo kulo nyaka – 13,4% ngaphezulu kunonyaka wama-2021.

UPhando, ukwenza ngokutsha izinto kunye nezifundo ezingaphaya kwesidanga.

UNjing Eugene Cloete usebenzise ithuba lakhe lokugqibela ukunika iBhunga amagqabantshintshi amaxesha akhe amabini amiselweyo ese-ofisini, ([klika apha](#) ufumane ingxelo yakhe yolawulo, [nalapha](#) ukuze ufumane iPDF eyiphawapoyinti yentetho yakhe.) Ingxelo yakhe uyakhe ngokungqamene nenkqubela phambili yakhe kwimimandla emithandathu ekugxilwe kuyo aqale ngayo ngo-2012 ([klika apha](#) ufumane isishwankathelo) kwaye wabulela oogxa bakhe abakhoyo nabo babesakuba khona kwiziko lonke, ngegalelo labo.

IBhunga liye lamkela ngamxhelo-mnye isindululo sokuvuyisana naye nokumbulela uNjing Cloete ngempumelelo yakhe ngexesha elimiselweyo ese-ofisini amathuba amabini, lichaza: "Ushiya ngasemva ipotifoliyo esempilweni kwaye wenze umsebenzi omkhulu wokumisela iyunivesithi ebalaseleyo, ekhokelayo kuphando olunzulu, ukuphuhlisa iintsebenziswano ezibalulekileyo kunye ngaxesha-linye, ukuqhubela phambili izifundo ezingaphaya kwesidanga, njengebhloko yokwakha ezinzileyo ukuxhasa oku".

ISekela-ngqonyela elitsha: uphando, ukwenziwa kutsha kwezinto kunye nezifundo ezingaphaya kwesidanga

UNjing Sibusiso Moyo wonyulwe njengeSekela leSekela Ngqonyela: kuPhando, ubuChule neziFundo zabaThweswe iZidanga eSU. IBhunga laseSU lithathe isigqibo kwintlanganiso ebeliyibambe ngoMvulo we11 ka Apreli emva kokuba uNjing Moyo ezifumanele inkxaso kwiSigqeba soLawulo neQumrhu leZiko. Uza kuqala ukusebenza kule ofisi nge 01kaSeptemba 2022, engena esikhundleni sikaNjing Eugene Cloete, ophumayo kuba kuphela ixesha lakhe elimiselweyo nebeli sisihlandlo sesibini nge 31 kaJulayi. UNjing Moyo, unamava okusebenza ngolawulo ngezeenzululwazi zezibalo, ngoku uliSekela leSekela Ngqonyela kuPhando, ubuChule noBambiswano kwiYunivesithi yaseDurban yezobuChwephetshe. [Nceda ucofe apha ukufunda banzi.](#)

Umthetho wogonyo lweCovid-19

IBhunga lifumene ingxelo malunga nophuhliso lomthetho wogonyo lweCovid-19 ovela kwiGosa eliPhetheyo uNjing Stan du Plessis kwisikhundla sakhe njengosihlalo weKomiti yeZiko loShishino oluQhubekayo (ICBC) yaseSU. Umthetho oyilwayo wapapashwa

ukulungiselela izimvo zoluntu ngo-Disemba, kwaye malunga ne-1 400 yezimvo ezafumanekayo ngomhla wokugqibela ngo-Janyuwari

Ngaxeshanye, ikhoronavariyasi entsha iye yavela, nto leyo ethe yaveza ubunzima kulawulo lobhubhane, efuna igalelo kwiKomiti yeeNgcebiso kwezoNyango (MAC) yaseSU ngokubhekiselele kwidatha yezonyango. UNjing Cloete unike ingxelo yokuba iMAC inoluvo lokuba abasebenzi nabafundi baseSU baye banokomelela kokugonyeka okukhulu ngokuchasene neCovid-19, mhlawumbi ngenxa yokugonywa okanye usulelo lwendalo.

IBhunga liqaphele ukuba ingcebiso iya kunikwa i-ICBC ukuba irhoxise inkqubo yokuphuhlisa umthetho wogonyo okwangoku, kodwa unokuphinda uqalwe phantsi ngokukhawuleza, ukuba kuyimfuneko. IBhunga liya kuba nelizwi lokugqibela, kwaye intlanganiso ekhethekileyo inokubizwa xa kuyimfuneko.

Ingxelo yeKomiti yoLwimi

IBhunga lifumene izimvo kwiKomiti yoLwimi, ebihlangene ngomhla we-2 ku-Matshi ukuze iqwalasele ukuphunyezwa kweengxelo zolwimi ezivela kwiiFakalathi kunye noluntu lwabafundi, ngokunjalo nengxelo evela kwiKomiti yoCwangciso noLawulo loLwimi. (Ezi ngxelo zibandakanya isiqingatha sesibini sowe-2021 ngexesha iPolisi yoLwimi yowe- 2016 yaseSU yayikhona. Inguqulelo ehlaziyiweyo, ivunyiwe ngo-Disemba we-2021, yaqalisa ukusebenza ngomhla wo-1 ku-Janyuwari 2022).

IKomiti yoCwangciso noLawulo yoLwimi income iifakhalathi noluntu lwabafundi nge" nkathalo abayithathileyo hayi kuphela ngokubonisana ngokubanzi malunga nengxelo, kodwa nangeendlela ezintsha abakhuthaze ngazo ukuthethwa kweelwimi ezininzi". Nangona kunjalo, ezinye iingxelo zokuphunyezwa kolwimi ziswele iinkcukacha. Ithempleyiti iza kulungiswa ukuqinisekisa ukuqonda okukhulu kunye nokungaguququki.

IKomiti yoLwimi inike ingxelo yokuba uMphathiswa wezeMfundo ePhakamileyo iNzululwazi noKwenza izinto ngoKutsha ebesazi ukuba iSU iqwalasela ukuba i-Afrikaansi ibe lulwimi lomthonyama, kwaye iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho ivulile ukwamkela ezinye iziphakamiso kulo mba. Ngo-Juni 2021, iBhunga liqaphele ngenkxalabo ukuba iSakhelo somGaqo-Nkqubo woLwimi - wama-2020 sishiye ngaphandle i-Afrikaansi kuluhlu lwelwimi zomthonyama.

Abaphathi beefakhalathi ezimbini baqeshiwe kwakhona

IBhunga liqaphele ukuqeshwa kwakhona kukaNjing. Danie Brink njengoMphathi weFakhalathi: INzululwazi yeZolimo kunye noNjing Nicola Smit njengoMphathi weFakhalathi: yoMthetho xa kuphela ixesha labo elimiselweyo lokuqala e-ofisini liphela ngomhla wama- 30 kuJulayi ngokulandelelana kwabo. Usihlalo weKomiti yeziKhundla eziPhezulu uvumile ukuqeshwa kwakhona kwaba baPhathi babini kunye nenkxaso yeebhodi zeefakhalathi zabo. UNjing Brink uza kusebenza iminyaka emi-3½ ngaphezulu, kwaye uNjing Smit iminyaka emihlanu.

Amalungu amatsha

- Gqr Therese Fish, wonyulwe yiSinethi ixesha eliqala ngomhla wo-1 kuJanyuwari ukuya kumhla wama-31 kuDisemba 2023)
- Njing Nico Koopman, wonyulwe yiNgqonyela njengoSekela-ngqonyela ukuba asebenze kwiBhunga ukususela (ngomhla wo-1 ku-Janyuwari ukuya kumhla wama-31 ku-Disemba 2022)
- Mnu. Willie Liebenberg, wonyulwe yiNgqungquthela (ukususela kumhla we-2 kuEpreli 2022 ukuya kumhla wo-1 kuEpreli 2026)
- Gqr Nicky Newton-King, wonyulwe ngabanikeli baseSU (ukususela ngomhla we-2 kuEpreli 2022 ukuya kumhla wo-1 kuEpreli 2024)

- Gqr Leon Schreiber, wonyulwe yiNgqungquthela (ukususela ngomhla we-2 ku-Epreli 2022 ukuya kumhla wo-1 kuEpreli 2026)
- Njing Nicola Smit, wonyulwe yiSinethi (ukususela kumhla wo-1 ku-Janyuwari ukuya kumhla wama-31 kuDisemba 2023)
- Nksz Penny van der Bank, wonyulwe ngabasebenzi abasisigxina bezolawulo nabo benkxaso baseSU (ukususela ngomhla we-6 kuEpreli 2022 ukuya kumhla we-5 ku-Epreli 2024)

Abanyuliweyo kwakhona

- Mnu Hubert Brody, wonyuliwe kwakhona ngabanikeli beSU (ukususela ngomhla we-2 kuEpreli 2022 ukuya kumhla wo-1 kuEpreli 2026)
- UMmeli Gesie van Deventer, wonyuliwe kwakhona libhunga lomasipalati waseStellenbosch ukususela ngomhla we-4 ku Epreli 2022 ukuya kumhla we-3 kuEpreli 2026)

liKomiti

- Gqr Nicky Newton-King wonyulwe liBhunga leKomiti yesiGqeba ixesha elisusela kumhla we-12 ku-Epreli 2022 ukuya kumhla we-11 ku-Epreli 2024.
- Nksz Ms Sindi Lingela kunye noNksz Penny van der Bank bonyulelwe kwiKomiti yeBhunga leMigaqo yokuziphatha yeNtlalontle noShishino kwangelo xesha linye.
- Nksz Viwe Kobokana unyulwe njengelungu elimiselweyo lokulinda okunokwenzeka kwiKomiti Ephezulu yokuQesha uMlawuli oPhezulu: weMisebenzi: (ngexesha lenkqubo yokuqesha).

Sivuyisana nawe!

- Gqr Therese Fish ofumene iMbasa yeNgqonyela ngoDisemba 2021 ukubonisa ingqalelo yegalelo lakhe kwiFakhalthi yaMayeza kunye neNzululwazi yezeMpilo phantse kangangeenkulungwane ezimbini
- Njing Nicola Smit yinxalenye yababhali be-*Liber Amicorum Manfred Weiss*, epapashwe ngo- 2021.
- Nksz Viwe Kobokana uthweswe isidanga se-BSC (kwiNzululwazi yoBomi boLuntu ngomhla we-6 kuEpreli 2022).

Uvelwano

IBhunga ligqithisa amazwi ovelwano kwilungu leBhunga uMnu Jannie Durand ngokushiywa kwakhe ngutata wakhe, uNjing Jaap Durand, naye osebenze kwiBhunga ukususela ngo-2001 ukuya ku-2004, enyulwe ngowayesakuba nguMphathiswa wezeMfundo.

Intlanganiso elandelayo

Intlanganiso elandelayo yeBhunga leSU icwangciselwe umhla wama-20 kuJuni 2022.